Isifundo 3

**Julayi 8–14*

Ubunye BeGospile

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:

Gal. 2:1–14, 1 Kor. 1:10–13, Gen. 17:1–21, Yohane 8:31–36, Kol. 3:11.

Indima Yenkumbulo:

"Luzaliseni uvuyo lwam, ukuze nicinge ntonye, ninaluthando lunye, ninamphefumlo mnye, nicinga nto-nye" (Filipi 2:2).

Umhlaziyi womProtestanti uJohna Calvin wayekholelwa ukuba ukungamanyani neyantlukwano sisixhobo esikhulu songendawo sokulwa ibandla, waza walumkisa ukuba amaKristu awuphephe umsantsa njengesibetho. Ingaba phofu, kufuneka ubunye bugcinwe naxa bulahla inyaniso? Cinga uthi, ukuba uMartin Luther, uyise woHlaziyo LobuProtestanti, wayethe, egameni lomanyano, warhoxa kwiimbono zakhe zosindiso ngokholo kuphela xa wayeziswe enkundleni kwiDiet of Worms.

"Ukuba uMhlaziyi wayenikezele indawana nje enye, uSathana nemikhosi yakhe ngebazuza uloyiso. Ukuma kwakhe aqine kwaba yindlela yokukhulula ibandla, nokuqala kwexesha elitsha nelingcono."—Ellen G. White, *The Great Controversy*, p. 166. KumaGalati 2:1–14, simfumana umpostile esenza konke okusemandleni akhe ukugcina ubunye besangqa sobupostile naphakathi kwemizamo yamanye amakholwa okubuchitha. Sebubaluleke bunjalo ubunye obo kuPawulos, wala ukuvumela ukuba inyaniso yegospile incanywe ukuze kuzuzeke bona. Nangona ikho indawo yokwahlukana phakathi komanyano, igospile akufuneki ukuba ize incanywe ekwenzeni oko [umanyano ekwahlukaneni].

**Funda isifundo sale veki ukulungisela iSabatha kaJulayi 15.*

Ukubaluleka Komanyano

Funda 1 Korinte 1:10–13. Isixelela ntoni le ndawo ngokukholelwa kukaPawulos ekubalulekeni komanyano lwebandla?

Emva kokuba eziphikisile izityholo zokuba igospile yakhe ayiveli kuThixo, uPawulos, kumaGalati 2:1, 2 uyijika ingqondo yakhe ayise kwesinye isimangalo atyebekwa sona. Abafundisi bobuxoki eGalati babebanga ukuba igospile kaPawulos ayihambelani nekwakufundiswa nguPetros kunye nabanye abapostile. Babesithi uPawulos ungumkreqi. Ukuphendula kwesi sityholo, uPawulos uchaza uhambo awalwenzayo ukuya eYerusalem kwi-14 leminyaka emva kokuguquka kwakhe. Nangona singaqinisekanga ukuba lwalunini olo hambo, lwalungelula uhambo kudala. Ukuba wayehamba ngendlela yomhlaba ukusuka eAntiyokwe ukuya eYerusalem, uhambo lweemayile ezingama-300 lwalunokuba ziiveki ezintathu lube nazo zonke iintlobo zobunzima neengozi. Kanti ke, sezikho ezo nzima, uPawulos waluthabatha uhambo, kungengakuba wayebizwe ngabapostile, kodwa kuba uMoya wawumthumile. Wathi ngexesha alapho, wayandlala igospile yakhe phambi kwabapostile.

Kwakutheni ukuze enze oko? Ngokuqinisekileyo wayengayithandabuzi into ayifundisayo. Ngokuqinisekileyo wayengadingi kuqinisekiswa ngabo. Ngapha koko, wayesele eyishumayela le gospile i-14 leminyaka. Nangona wayengadingi mvume okanye kuvunyelwa ngabo, wayeyixabise kakhulu inkxaso nenkuthazo yabapostile.

Ngoko ke, isityholo sokuba isigidimi sakhe sasahlukile sasingayi kuPawulos kuphela kodwa nakumanyano lwabapostile, nobebandla ngokwalo. Ukugcina ubunye bobupostile buphilile kwakubaulekile, kuba iyantlukwano phakathi komsebenzi kaPawulos eziNtlangeni nebandla elingunozala eYerusalem kwakuya kuba neziphumo ezibi kakhulu. Bungekho ubudlelwane phakathi kwamaKristu eeNtlanga namaYuda, "uKristu ebeya kuba wahlukene, abe onke amandla uPawulos awawanikelayo nawayesathembe ukuwanikela, ekushumayezeni abeNtlanga, ayeya kuba alahliwe."—F. F. Bruce, *The Epistle to the Galati (Grand Rapids, Mich.: William B. Eerdmans Publishing Company, 1982)*, p. 111.

Yeyiphi eminye imiba ezisa umngeni ebandleni namhlanje? Okubaluleke kakhulu, sakuba siyichazile, siyisebenza njani? Yeyiphi imiba ebaluleke ngaphezu koqobo lobunye?

Ulwaluko Nabazalwana Ababuxoki

Kwakutheni ukuze ulwaluko lube yeyona nqontsonqa kwingxabano phakathi kukaPawulos namaYuda athile angamaKristu? Khangela: Gen. 17:1–22; Gal. 2:3–5; 5:2, 6; IZenzo 15:1, 5. Kutheni le nto kungekho nzima ukuyiqonda indlela abanye ababekholwa ngayo ukuba iiNtlanga zinyanzelekile ukuba zilwenze?

Ulwaluko lwalungumqondiso womnqophiso wobudlelwane uThixo awawenza noAbraham, uyise wohlanga lwamaYuda. Nangona ulwaluko lwalulolwenzala ka-Abraham engamaduna, wonke umntu wayemenywa ukuba angene kubudlelwane bomnqophiso noThixo. Umnqophiso wolwaluko wanikwa uAbraham kuGenesis 17. Oku kwenzeka emva komzamo owawuyingozi ka-Abraham—ngokuba abe nguyise womntwana wekhobokazana lenkosikazi yakhe elingumYiputa—enceda uThixo ukuzalisekisa isithembiso sokumnika unyana.

Ulwaluko lwalungumqondiso ofanelekileyo womnqophiso. Lwalusisikhumbuzo sokuba nawona macebo mahle enziwa ngumntu awanakuze akufezekise oko akuthembisileyo uThixo. Ukwaluka kwangaphandle kwakuza kuba ngumfuziselo wokwaluka kwentliziyo (Dut. 10:16, 30:6, Yer. 4:4, Roma 2:29). Kumele ukususwa ukuthembela kwethu kuthi, endaweni yako kumise ukuthembela ngokunyanisekileyo kuThixo. Ngexesha likaPawulos, ulwaluko lwaluxatyiswe njengomqondiso wobuzwe nenkolo—izinto ezo elalingamiselwanga zona. Kwisithuba se-150 leminyaka phambi kokuzalwa kukaYesu, abathandi bezwe ababezaliswe yinzondelelo, abazange banele ukunyanzelisa ulwaluko kumaYuda onke asePalestina, kodwa bafuna ukuba aluke onke amadoda akwizizwe ezibangqongileyo ezaziphantsi kolawulo lwawo (amaYuda). Abanye bada bakholelwa ukuba ulwaluko lwaluyindlela esinga elusindisweni. Le nto ibonwa nakumaqhalo awayethethwa ngesibindi, athi, " 'Amadoda awalukileyo awehli aye eHadesi [esihogweni].' "—C. E. B. Cranfield, *A Critical and Exegetical Commentary on the Epistle to the Romans (Edinburgh: T. & T. Clark Ltd., 1975),* p. 172. Kwakuya kuba yimpazamo ukucinga ukuba uPawulos wayechasene nolwaluko ngokwalo. Into awayeyala uPawulos yayikukunyanzelisa ukuba iiNtlanga kufuneka ziziyekele ekwalukeni. Abafundisi ababuxoki bathi: "Ukuba anithanga naluswe ngokwesiko likaMoses, aninako ukusindiswa" (IZenzo 15:1). Umba, ke ngoko, wawungengokwaluka ngokwako, kodwa wawungosindiso. Usindiso lungokukholwa kuKristu kuphela, okanye yinto ezuzwa ngokuthi umntu athobele.

Mhlawumbi namhlanje ulwaluko aluyongxaki. Ingayintoni (ukuba ikho) thina njengebandla esinengxaki ngayo engathi ifane naleyo yolwaluko?

Umanyano Ekuboneni Ngokwahlukeneyo

Funda Galati 2:1–10. UPawulos uthi abazalwaba ababuxoki "bangena ngokunyebeleza, besiza kuhlola inkululeko yethu esinayo kuKristu Yesu, ukuze basithobele ebukhobokeni" (Gal. 2:4). Yintoni akhululeke kuyo amaKristu? Funda: Yohane 8:31–36; Rom 6:6, 7; 8:2, 3; Gal. 3:23–25; 4:7, 8; Heb. 2:14, 15. Sibuva njani ngokwethu ubunyaniso bobukho bale nkululeko?

Inkululeko, njengoko ichazwa ngamava obuKristu, yimbono ebalulekileyo kuPawulos. Ulisebenzise eli gama rhoqo ngaphezu kwakhe nawuphi umbhali kwiTestamente eNtsha, aye amagama ukukhululeka no-inkululeko evela kaninzi kumaGalati. Inkululeko, kumKristu, ithetha inkululeko ekuKristu. Lithuba lokuphila ubomi bokuzinikela kuThixo obungaphazanyiswayo. Buquka inkululeko ekuthinjweni ziinkanuko zemveli yethu yesono (Roma 6), inkululeko ekugwetyweni ngumthetho (Rom. 8:1, 2), nenkululeko kumandla okufa (1 Kor. 15:55).

Abapostile baqonda ukuba uPawulos "[u]ziphathisiwe iindaba ezilungileyo kwabangalukileyo, njengokuba uPetros ebeziphathisiwe kwabolwaluko" (Gal. 2:7). Ithetha ntoni le nto ngobume bobunye neyantlukwano phakathi ebandleni?

Abapostile bavuma ukuba uThixo umbizile uPawulos ukuba ashumayele igospile eziNtlangeni, kanye njengoko wayebize uPetros ukuba ashumayele kumaYuda. Kuzo zombini ezi meko, igospile yayinye, kodwa indlela ebekwa ngayo yayixhomekeka kubantu abapostile ababezama ukubafikelela. Okucacileyo kule ndima "kukuqonda okubalulekileyo ukuba indlela enye inokuvakala ngokwahlukileyo ibe namandla awahlukileyo ekuhlaleni nakwinkcubeko ezahlukeneyo. . . . Bobu bunye kanye obusisiseko somanyano lobuKristu, umanyano kanye ekuboneni ngokwahlukeneyo."—James D. G. Dunn, *The Epistle to the Galatians (Peabody, Mass.: Hendrickson Publishers, Inc., 1993)*, p. 106.

Simele ukukulungela kanjani ukwamkela iindlela zovangelo nokungqina ezisisusa "esiqhelweni"? Ingaba zikho iindlela zovangelo ezikukhathazayo? Ukuba kunjalo, zeziphi, kwaye kutheni le nto zikukhathaza? Ingaba kudingeka ukuba iphangalale kangakanani ingqondo yakho ngakwezi zinto?

Ungquzulwano EAntiyokwe (Gal. 2:11–13)

Sekulithuba emva kongquzulwano eYerusalem, uPetros wahambela eAntiyokwe eSiriya, apho kwakukho ibandla lokuqala leeNtlanga nesisiseko semisebenzi kaPawulos yovangelo echazwe kwiZenzo. Ngexesha alapho, uPetros watya ngokukhululekileyo namaKristu eeNtlanga, kodwa, kwathi kwakufika iqela lamaKristu amaYuda esuka kuYakobi, uPetros—ngokoyika into awayeza kuyicinga—wayitshintsha ngokupheleleyo indlela yokuziphatha kwakhe.

Kungani ekunga uPetros ngewazi ngcono? Thelekisa umaGal. 2:11–13 neZenzo 10:28. Sisixelela ntoni isenzo sakhe ngendlela emila ngamandla ngayo inkcubeko nesithethe ebomini bethu?

Abanye baphazama ngokucinga ukuba uPetros namanye amaYuda awaye naye babeyekile ukulandela imithetho yeTestamente eNdala engokutya okuhlambulukileyo nokuyinqambi. Akubonakali kunjalo apha. Ukuba uPetros nabo wayenabo babeyiyekile imithetho yokutya yamaYuda, ngekwalandela ingxwabangxwaba enkulu ebandleni emva koko. Ukuba kwakunjalo, ngeyikho ingxelo yayo, kodwa ayikho. Kuyacaca ukuba umba wawungobudlelwane ngetafile neeNtlanga. Ngenxa yokuba amaYuda ayezibona iiNtlanga njengeenqambi, yayisisithethe kuwo ukukuphepha ukudlelana nazo kangangoko anako. UPetros wayenayo le ngxaki naye, waza wancedwa kuphela ngumbono ovela kuThixo ukuze abone ngokucacileyo. UPetros wathi kuKorneli, umthetheli-khulu womRoma, emva kokuba engene endlwini yakhe, "Niyazi kakuhle nina, ukuba akusesikweni ukuthi indoda engumYuda inamathele isondele kowolunye uhlanga; mna ke uThixo undibonisile, ukuba ndingabizi mntu ngokuthi uyinqambi, ungongcolileyo" (IZenzo 10:28). Nangona wayesazi ngcono, woyika kakhulu ukukhubekisa abakubo waza wabuyela kwiindlela zakhe zakudala. Kubonakala ukuba yaba namandla angako inkcubeko nesithethe ebomini bukaPetros.

UPawulos, ngoko, wazibiza ngegama lesiGrike elifanelekileyo izenzo zikaPetros: ukuhanahanisa. Wada wathi, noBharnabhas "wakhukuliswa luhanahaniso" (Galati 2:13). Amagama alukhuni ukuphuma kwindoda kaThixo esiya kwenye.

Kutheni le nto kulula ukuba ngumhanahanisi? (Asikukuba, mhlawumbi, sithanda ukujonga iimposiso zabanye, lo gama sizimfamekisa kwezethu?) Ufumana uhanahaniso olunjani ebomini bakho? Okubaluleke kakhulu, ungaluqonda njani uze ulususe njani?

Ixhala LikaPawulos (Gal. 2:14)

Imeko yaseAntiyokwe yayimbi: uPawulos noPetros, iinkokheli ezimbini zebandla zibhidana. UPawulos akazibamba ngexesha enyanzelisa ukuba uPetros anike ingxelo ngokuziphatha kwakhe.

Unika zizathu zithini uPawulos ngokungxolisa uPetros ekuhleni? Gal. 2:11–14.

Ngokubona kukaPawulos, ingxaki yayingekokutya kukaPetros neendwendwe ezivela eYerusalem. Izithethe zakudala ngobubele, zaziyivumela loo nto. Umba wawuyi"nyaniso yegospile." Yayingelolwalamano nje nokutya. Izenzo zikaPetros, ngenene, zazisiphoxa sonke isigidimi seendaba ezilungileyo.

Funda Galati 3:28 nomaKolose 3:11. Inyaniso ekwezi ndima isinceda njani ukuba sikuqonde awakwenza kalukhuni ekothukeni kwakhe uPawulos?

Kwintlanganiso kaPawulos noPetros nabanye abapostile eYerusalem kwagqitywa ukuba iiNtlanga mazonwabele zonke iintsikelelo kuKristu kungakhange kudingeke ukuba zaluke kuqala. Isenzo sikaPetros sasibeka esi sivumelwano engozini. Apho kuqala amaKristu amaYuda naweeNtlanga ayehlangene kwimeko yobudlelwane obuhle, ngoku ibandla lalisahlukana, nto leyo eyayinokukhokelela kwibandla elahlukeneyo kwixesha elizayo. NgokukaPawulos, isimilo sikaPetros sasibeka amakholwa angamaKristu eeNtlanga kudidi oluphantsi kakhulu, waza wakholwa ukuba izenzo zikaPetros ziya kubeka uxinzelelo olukhulu kwiiNtlanga ukuba zamkele oko ukuba zifuna ukuba nobudlelwane obupheleleyo. Kungoko uPawulos wathi, "Ukuba wena, ungumYuda nje, uhleli ngokwabentlanga, ungahlali ngokobuYuda yinina ukuba ubanyanzele abeentlanga ukuba bahlale ngokobuYuda?" (Gal. 2:14). Intetho "hlala ngokobuYuda" inokubekwa ngokuthi "yenza ubuYuda." Laliqheleke lithetha "[ngo]kwamkela indlela zokuphila ubuYuda." Lalisetyenziswa kwiiNtlanga ezazisiya endlwini yesikhungu zenze izithethe zamaYuda. Kungoko abachasi bakaPawulos baseGalati ababiza ngokuba ngabafundisi ababuxoki kusithiwa, "Benza amaYuda."

Kungangathi izenzo zikaPetros azizibi ngokwaneleyo, kodwa noBharnabhas wabambeka kwesi similo, nangona wayemelwe kukwazi ngcono. Umzekelo ocacileyo wamandla oontangandini! Singakufunda njani ukuzikhusela ekulukuhlelweni kokungalunganga ngabo basingqongileyo?

Further Study:

Ukufunda ngakumbi ngomba womanyano nokubona ngokwahlukeneyo ebandleni funda uEllen G. White, "Investigation of New Light," pp. 45, 47, in *Counsels to Writers and Editors*; "An Explanation of Early Statements," p. 75, in *Selected Messages,* book 1; "Tactfulness," pp. 117–119, in *Gospel Workers;* and "Manuscript Release 898," pp. 1092, 1093, in 1888 Materials, vol. 3. "Nabona bantu bangabalungileyo, ukuba bayekwe bodwa, bayakwenza ezona zaka zambi iimpazamo. Okona umkhulu umthwalo obekwa phezu komntu, okona siphezulu isikhundla sokulawula nokutsala iintambo, okona kukukhulu ukuhlupha aqinisekileyo ukuba uza kwenza ekuguquleni iingqondo neentliziyo zabantu ukuba akayilandeli ngononophelo indlela yeNkosi. EAntiyokwe uPetros wasilela kumthetho-siseko wentembeko. Kwafuneka uPawulos amelane nempembelelo yakhe ebhukuqayo ubuso ngobuso. Oku kubhalwe ukuze abanye bazuze ulutho ngako, nokuba isifundo sibe sisilumkiso esinendili kubantu abakwiindawo eziphezulu, ukuze bangawi phantsi kwintembeko, kodwa bahlale kumthetho-siseko."—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary*, vol. 6, p. 1108.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Bambalwa abantu abakonwabelayo ukungqalwa, kodwa maxa wambi kuyafuneka. Zeziphi iimeko ekufuneka ukuba ibandla liyigxeke imposiso libaluleke abo bakwalayo ukulungiswa?

2. Njengokuba iBandla laBalindi (iSeventh-day Adventist Church) likhula ehlabathini jikelele, liya liba neentlobo ngeentlobo ezingafaniyo ngelo xesha linye. Manyathelo mani elinokuwathabatha ukuqinisekisa ukuba umanyano alulahleki naphakathi koko kwahlukahlukana? Singakufunda njani ukwamkela side sikonwabele ukwahlukahlukana kweenkcubeko nezithethe phakathi kwethu, lo gama sikugcinile ukumanyana?

3. Xa sisabelana ngegospile kwiinkcubeko ezahlukileyo, zithini iziqalelo ekufuneka zingaguquki, iyintoni enokuguqulwa? Sikufunda njani ukwahlula phakathi koko kufuneka kusele noko sinakho, ukuba kunyanzelekile, ukukususa?

Isishwankathelo:

Ukunyanzelisa kwamanye amaKristu angamaYuda ukuba iiNtlanga kufuneka zaluke ukuze zibe ngabalandeli benene bakaKrisu kwazisa umngeni omkhulu kumanyano lwebandla lokuqala. Endaweni yokuwuyeka lo mba ukuba ulahlule ibandla libe zintshukumo ezimbini ezahlukeneyo, abapostile basebenza kunye, kukho njalo ukungqubana phakathi kwabo, ukuqinisekisa ukuba umzimba kaKristu uhlala umanyene, unyanisekile kwinyaniso yegospile.

Notes